Navrae / Enquiries / IMibuzo: Mnu M. Cronjé / Nksz. Z. Sliwanyana
Telefoon / Telephone / IFoni: (021) 467-2574 / (021) 467-2568
Faks / Fax / IFeksi: (021) 467-2694
Verwysing / Reference / ISalathiso: 6/10/1/6 20020416-0009

Wes-Kaap Onderwysdepartement

Western Cape Education Department

ISebe leMfundo leNtshona Koloni

ISETYHULA: 0052/2002
UMHLA
WOKUPHELELWA: AWUKHO
IYA KU:

*BONGAMELI -ABANGAMASEKELA- JIKELELE, ABONGAMELI ABAZIINTLOKO, ABONGAMELI, AMASEKELA ABONGAMELI, IINKOKHELI ZAMACANDELO KUNYE NEENKOKHELI ZAMAZIKO*

*ISISHWANKATHELO ESIFUTSHANE: Indlela iSebe leMfundo leNtshona Koloni eliqinisekisa ngayo ukuthobela imithetho-siseko yoMthetho weNkqubo yokuQesha ngoBulungisa.*

**ISIHLOKO: INKQUBO YOKUQESHA NGOBULUNGISA**

ISebe leMfundo leNtshona Koloni ngokufutshane nje lizakuqalisa inkqubo yokuqinisekisa ukuthobela imithetho-siseko yoMthetho weNkqubo yokuQesha ngoBulungisa yonyaka we-1998. Injongo yalo Mthetho kukuqinisekisa uBulungisa emsebenzini.

Ukuthobela iimfuno zalo mthetho njengoko zisekiwe kuMthetho weNkqubo yokuQesha ngoBulungisa, iSebe leMfundo leNtshona Koloni njengoko lingumQeshi oChongiweyo, kulindeleke ukuba liyile iSicwangciso seNkqubo yokuQesha ngoBulungisa esibandakanya ezi ndlela zilandelayo:

- Ukutshatyalaliswa nokunqanda acalucalulo olungalunganga;
- Ukukhuthaza amathuba alinganayo nempatho elungileyo kwiindlela ezisetyenziswayo zokuqesha;
- Ukuxhasa nokukhuthaza ulawulo lwabantu olusebenzayo,iyantlukwano nophuhliso,
- Ukuqhuba uhlalutyo lwemigaqo-nkqubo elandelwayo yokuqesha kunye nemeko yasemsebenzini;
- Ukubonakalisa amathuba engqesho nawokonyuselwa kwabo babesakucalucalulwa ngokwembali, becalucalulwa ngokobuhlanga, isini, nokukhubazeka, ngokuba kusetyenziswe inkqubo yokulungisa imo yokungalingani;
- Ukwakha inkqubo yombutho ezakulungelana nemo yeyantlukwano yabasebenzi beSebe leMfundo leNtshona Koloni kunye nabo ibanika iinkonzo zalo.

Ukuze sikwazi ukukhuthaza ukuqondwa okungcono kweNkqubo yokuQesha ngoBulungisa, kwiSebe leMfundo leNtshona Koloni kuzakuqalwa nje ngenkqubo yokuthethelela ezakubanezibhengezo ezibhaliweyo, amaphetshana okwazisa kunye noqeqesho.

Ngokubhekiselele kwimithetho-siseko yobulungisa, ukufikelela kwizinto, ukubonisa izinto ngokucacileyo, ukumela okuthile nokuthatha inxaxheba njengoko kuqulathwe kuMgaqo-siseko woMzantsi Afrika, ISebe leMfundo leNtshona Koloni likhokelwa yinkolo yokulingana nesidima kubantu bonke njengabantu ngaphandle kokujonga izikhundla abakuzo emsebenzini, ubuhlanga, isini, ukukhubazeka ngokwasemzimbeni okanye ngokwasengqondweni. Ngoko ke iSicwangciso seNkqubo yokuQesha ngoBulungisa siyakuyilwa ngokwenkqubo yokucebisana eyakwamkela izimvo ezivela kuwo onke amanqanaba omsebenzi kulo mbutho.

ISebe leMfundo leNthsona Koloni linondileko likwazibophelela kule Nkqubo yokuQesha ngoBulungisa kwaye lizakwakha imo eyakuqinisekisa amathuba alinganayo kubasebenzi abakhoyo kunye nabo basaza kuqeshwa kwixesha elizayo.

Iinkcukacha malunga nolwazi kunye noqeqesho oluzayo niyakuzifumana ngokufutshane nje.

**INKOKHELI EBAMBELEYO: EZEMFUNDO**
**UMHLA:** 2002.05.07